

UBusisiwe noBandile bonwabile kakhulu.

Izikolo zivalwe ngenxa yokumiswa kwezinto!

Bayalilangazelela eli thuba lokuhlala ekhaya.



Emva kweeveki ezintlanu zokuvalelwa, aba dade babengasonwabanga.

“Ndenza konke okusemandleni ngezifundo zam kwi-intanethi. Ngumceli-mngeni!” watsho ephefumlela phezulu uBandi.




UBusi wavuma, watso esithi, “Ndiyakukhumbula ukuya esikolweni.”

“Ngoku, isikolo ziincoko ezikumaqela e*WhatsApp*, ii-*app* zemfundo, kwakunye nemfundo ekumabonakude!” watsho uBandi.



Waqhuba esithi, “Ngoku, isikolo sidinga uqeqesho ngakumbi, nokuzimisela.”

UBusi wathi, “Kwaye ke kulindeleke ukuba sibe nedatha kwakunye nothungelwano ngalo lonke ixesha.”



“Iintsapho ezininzi azikwazi ukuhlawulela idatha. Luxinzelelo lwemali,” watsho uBandi.

UBusi wacinga ngabahlobo bakhe, uBuhle noLuka.



UBusi wathi, “Abanye abantwana badinga ukutyiswa esikolweni.”

Exhalabile, “Ingaba abazali babo baya kukwazi na ukubathengela ukutya okwaneleyo?”



UBandi wathi, “Sinethamsanqa. Oku kuvaleleka akusichaphazelanga kangako apha ekhaya ngokwezemali.”

“Ndiyabakhumbula nyhani abahlobo bam,” watsho uBusi.



Esongeza, “Ndiyakwazi ukuthetha nabo emxebeni, kodwa akufani. Ndiyakuthanda ukudlala nabo.”



UBandi wenza uluhlu, “Ndikhumbula umoya wasesikolweni, ootitshala, ukufunda izinto ezintsha, nokuba nabahlobo bam.”

Umama ungena egumbini labo.



“Mantombazana, ndisanda kuva kunomathotholo ukuba izikolo ziyavulwa kwakhona kule veki izayo,” watsho encuma umama.

UBusisiwe noBandile bonwabile kakhulu!

## ——Imibuzo

1. Sicacisele intsingiselo yala magama: ‘uxinzelelo lwemali’, ‘ukufunda nge-intanethi, ‘inkqubo yokutyisa esikolweni’.
2. Ingaba oodade baye bakonwabela ukuvaleleka? Sicacisele ngempendulo yakho.

Eli bali lisekelwe kwiingxelo zeRX Radio. IRX Radio sisikhululo sika nomathotholo wabantwana esikwi-intanethi, esilawulwa ngabantwana besenzela abanye abantwana.

IRX Radio isebenzela kwisibhedlele sabantwana iRed Cross War Memorial eKapa.

IRX Radio incedisana nabantwana ukuba babalise ngezinto ezibalulekileyo kubo.

Tyelela iRX Radio